



Isalathiso: 20200812-7485
Inombolo yefayili: 13/7/1/2
Imibuzo: M Combrink

ISetyhula: 0023/2020

Umhla wokuphelelwa: 31 Disemba 2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharithulam, kuBacebisi ngeZifundo, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nezeSatifikethi seMatriki

Isishwankathelo esifutshane: *Ithayimthebhili yokugqibela namalungiselelo eemviwo ezidityanisiweyo zangoJuni nangoNovemba 2020 zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke*

Isihloko: Ithayimthebhili yokugqibela namalungiselelo eemviwo ezidityanisiweyo zangoJuni nangoNovemba 2020 zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

1. Ngenxa yokuvalwa kwezikolo ngowe-18 Matshi 2020 nangenxa yokumiselwa kwemiqathango yokumiswa ngxi kweentshukumo ukunqanda ukunwenwa kwe-COVID-19, kwathathwa isigqibo nguMphathiswa weMfundo esiSiseko sokubhaliswa kweemviwo zangoMeyi/Juni 2020 zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (NSC) kunye neemviwo zeNSC zango-Oktobha /Novemba 2020.
2. Apha kuqhotyoshelwe ikopi yethayimthebhile **yokugqibela (isiHlomelo A)** ukwenzela iimviwo zeNSC ezidityanisiweyo zangoJuni nangoNovemba 2020.
3. Iimviwo zicwangciselwe ukuqaliswa ngokusemthethweni **ngoLwesine we-05 Novemba 2020** yaye zigqitywe **ngoLwesibini we-15 Disemba 2020**. Le thayimthebhile ithatha indawo yethayimthebhili yangaphambili yeemviwo zangoNovemba eyayikhutshwe ngoMatshi 2020.
4. Niyacela niqwalasele ukubhalwa kwala maphepha eemviwo alandelayo:
 - 4.1 Amaphepha emibuzo e-*Mathematics* ne-*Technical Mathematics*, aya kubhalwa ngeseshoni yakusasa (09:00) yaye iphepha lemibuzo le-*Mathematical Literacy* libhalwa ngeseshoni yasemva kwemini (14:00).

- 4.2 Iphepha lemibuzo le-*English First Additional Language (FAL)* liya kubhalwa ngeseshoni yakusasa (09:00) yaye ele-*English Home Language (HL)* nele-*English Second Additional Language (SAL)* ngeseshoni yasemva kwemini (14:00).
5. Abaviwa ababecwangciselwe kuqala ukubhala iimviwo zango-Oktobha/Novemba 2020, baya kubhala amaphepha amabini kwi-*Accounting* nakwi-*Business Studies* kwiseshoni yakusasa (09:00), lo gama abo bekumele babhale iimviwo zangoMeyi/Juni 2020, beya kubhala iphepha elinye kwi-*Accounting* ne-*Business Studies* kwiseshoni yasemva kwemini(14:00).
6. Umsebenzi we-*Common Assessment Task (CAT)* wesifundo se-*Life Orientation (LO)* uya kubhalwa **ngoMvulo we-19 Oktobha 2020**.
7. Iimviwo zepraktikhali ze-*Computer Applications Technology (CAT) Paper 1* neze-*Information Technology (IT) Paper 1*, ziya kubhalwa ngaphambi kwesibhengezo esisemthethweni seemviwo ngowe-**21 nowe-22 Oktobha 2020** ngokulandelelanayo.
8. Ileseshoni zeemviwo ezimbini zicwangciselwe usuku ngalunye. Ileseshoni yakusasa iya kuqala ngo-09:00 yaye iseshoni yasemva kwemini iya kuqala ngo-14:00.
9. Iinqununu mazazise bonke abafundi abasisigxina ababhala iimviwo ukuba mabanxibe iiyunifom zesikolo zabo xa bebhala ngalo lonke ithuba leemviwo. Abaviwa mababekho kude kube lusuku lokugqibela lekota yesikolo (15 Disemba 2020) xa kunokwenzeka ukuba kube yimfuneko ukucwangciselwa elinye ixesha ukubhalwa kwephepha lemibuzo elithile ngenxa yaso nasiphi na isizathu.
10. Ngethuba lokubhalwa koviwo, imiqathango ye-COVID-19 mayilandelwe ngqo ngawo onke amaxesha, nebandakanya:
- ukuqelelana ngeemitha ezi-1,5;
 - ukuhlolwa; kunye
 - nokucocwa kwezandla ngesibulala-ntsholongwane.
11. Makuqatshelwe ukuba imihla ecetywayo yoviwo lokuzivavanya ukulungiselela ukubhala uviwo (*preparatory examination*) iqala ukususela ngowe-**15 Septemba ukuya kowe-07 Oktobha 2020**.
12. Iiklasi zesiqhelo maziqhubeka kude kube **ngoLwesihlanu we-23 Oktobha 2020** ukuqinisekisa ukuqhubeka kwexesha lokufundisa elininzi kangangoko kunokwenzeka

13. Kucelwa wazise ngokuqulethwe yile setyhula kubo bonke abaviwa abanenjongo yokubhala iimviwo zeNSC ezidityanisiweyo zangoJuni nangoNovemba 2020.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER

INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO

UMHLA: 2020-08-14